



Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

**UMTHETHO WOMBA OPHAMBI
KWEENKUNDLA ZOMTHETHO**

UXWEBHU LWEMIBA 11

UPHENGULULO 1, 12 JULAYI 2016

IMithetho eSisigxina ibonelela ukuba “akukho Lungu linokubhekisa kuwo nawuphi na umba ekulindelwe “isigqibo senkundla ngawo.” Kukuzibamba ngokuzithandela ukuba iPalamente ngokwayo inyanzelise aMalungu ayo ngenxa yenkqubo yezobulungisa kwakunye nomdla wezobulungisa ukuba angabhekisi, mhlawumbi ngengxoxo-mpikiswano okanye ngeziphakamiso nemibuzo, kwimiba ephambi kweekundla zamatyala. Ngokwenza njalo, umtyholwa ngalo naliphi na inyathelo lenkundla yomthetho ukhuselwe kulo naliphi na ifuthe lokugwetywa kwangaphambili lengxoxo yoluntu ngalo mba.

Umthetho womba ophambi kweekundla yomthetho ugcina kwaye ulondoloze imbeko yamacala amabini phakathi kobulungisa nendlu yowiso-mthetho.

Ulwahlulo lwamagunya luyagxininiswa kwicandelo 165 loMgaqo-siseko apho, phakathi kwezinye, ukuba “akukho mntu okanye nqwanqwa lambuso lingangenelela ekusebenzeni kweekundla zomthetho” kwanokuba “amanqwanqwa ombuso, ngamanyathelo ezomthetho namanye, makancedise kwaye akhusele iinkundla zomthetho ukuqinisekisa ukuzimela, ukungathabathi icala, isidima, ufikelelo nokusebenza kweekundla zomthetho”.

Umthetho womba ophambi kweekundla yomthetho awusebenzi kwimiba ephambi kweekhomishoni okanye iikomiti zepalamente kodwa aMalungu kufuneka, nangona kunjalo, azikhwebule ekuphawuleni ngeenkqubo, ubungqina okanye iziphumo zophando phambi kokuba ingxelo yokugqibela yenziwe.

Usetyenziso lomthetho womba ophambi kweekundla yomthetho ngaphandle kwamathandabuzo luxhomekeke kubulumko beGosa eloNgameleyo.